


# 3 Ummangaliso kaGogo

## Usapho lwam



"Awu, Gogo ... kwiiveki ezimbini ezizayo uza kuba namashumi asixhenxe!" watsho uMama.

Ngobo busuku, uGugu esalele ebhedini, wacinga ngezinto ezintle uGogo awamenzela zona.

"Kufuneka ndimnike isipho esihle uGogo."
"Iza kuba yintoni?"

"Ndiza kumenzela itheko lomhla wokuzalwa uGogo!" wacinga watsho uGugu.





Ugugu wabhala izimemo.
*Yizani kwitheko leqhubuliso likaGogo ngoMgqibelo. Nincede nize nokutya. Owenu, Gugu.*

Ngethuba wonke ubani engqjonganga ...

Wasifihla esinye kwisitya sikatata aphatha ngaso ukutya emsebenzini.
Wanyengeza esinye kwipokotho kaMalum' uJabu.
Waqhusheka esinye kwingxowana kaMzal' uNozi.
Wanyhala esinye kwingxowa yamanenekazi kaMakaz' uMavis.

Njengokuba uMgqibelo wawusondela, uGugu waqalisa ukuba nexhala.
Ingaba usapho lwakhe luzifumene izaziso?

Kusasa ngoMgqibelo, uGugu wanxiba ilokhwe yakhe yetheko, wehla ngezinyathelo.
“Ding dong!” yatsho intsimbi emnyango.
UGogo wavula ucango ... inye, zimbini, zintathu, zine, zintlanu! Wonke umntu wayelapho!
“Min’ emnandi kuwe, Gogo,” wacula wonke umntu.

